

# ISIGULO SE SEHASHE I AFRICAN HORSE

## Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)

1. **Yintoni isigulo sehashe i African horse?**
   Isigulo sehashe i "African horse' sisigula esinzima kumahashe nesibangelwa yintsholongwane. Amahashe achaphazelekileyo abonakala ngomkhuhlane, ukudumba kwentloko nentamo, ukuphefumla kanzima, ukuphuma ngeempumlo igazi negwebu de life.

2. **Sifumaneka phi isigulo kwihashe i African horse?**
   Isigulo sehashe i "African horse" sisifo esisoloko sikhona kwiindawo ezininzi kumazantsi elizwe-kazi i Afrika (sub-Saharan Africa), kuquka nom'mandla omkhulu kuMzantsi Afrika. Apha eNtshona Koloni ikhona ingingqi eneendawo ezingenasongo esi sigulo, nephakathi kwisiXeko seKapa, nekuyindawo ejikelezwe yimitshini yokuthwebula imifanekiso nekhuselekileyo nalapho silawulwa khona esi sigulo sehashe siyi "African horse" ukuze siliwe de soyiswe esi sigulo kwezi ngingqi. Ikhona imaphu ebonisa ezi ndawo zichaziweyo nefumaneka kule dilesi www.myhorse.org.za.

3. **Sinwenwa njani isifo sehashe nesiyi "African horse"?**
   Isigulo sehashe i "African horse" sisasazeka phakathi kwamahashe ngokunqwakuza iimbuzane. Kumaxesha amaninzi, ukuqhambuka kwaso kwenzeka xa kukho amanzi amileyo athi abangele iimbuzane de zizale zibeninzi ze imozulu ibe ifudumele ekwindla nase ntwasa-hlobo. Kusenokwenzeka ukuba siqhambuke kwenye indawo ngenxa yehashe elosulelekileyo nelithe lafuduselwa kuloo ndawo ze iimbuzane zalo ndawo ziyinwenwise intsholongwane de yosulele namanye amahashe.

4. **Ingaba abantu okanye imfuyo iyakwazi ukuba ingosuleleka sesi sigulo siyi "African horse"?**
   Amahashe, imeyile kunye ne donki, zonke ziyosuleleka sisigulo sehashe i "African horse". Amaqwarhashe nawo angosuleleka yile ntsholongwane, kodwa akade abonakalise kugula kuxhalabisayo. Kwanezinja ziyagula sesi sifo siyi "African horse" ukuba zitye inyama inyama yehashe elosulelekileyo. Enye imfuyo kunye nabantu abosuleleki sesi sifo siyi "African horse".

5. **Ndilifudisa/fudisela phi/njani ihashe lam apha kwiNtshona Koloni?**
   Kukho imiqathango emininzi elawula ukufuduswa kwamahashe kweli leNtshona Koloni, kuxhomekeke kwingingqi asiwa kuyo okanye athathwa kuyo, ixesha lonyaka kwakunye nokuba sikhona na esi sifo siyi "African horse" kwindawo afudiswa kuyo. Ukuze ufumane isikhokelo esipheleleyo ngokufuduswa kwamahashe kunye nokwenza isicelo semvume yokufudusa amahashe, ngena ku www.myhorse.org.za.

6. **Ndingakwazi na ukuligonya ihashe lam?**
   Kusisinyanzelo ukuba uligonye ihashe lakho ukuba lihlala echaphazelekileyo okanye kwingingqi ekhuselweyo. Kwingingqi ebekwe phantsi kweliso elibukhali nakwiNgingqi engachaphazelekanga, akuvumelekanga ukugonywa kwamahashe ngaphandle kwemvume esemthethweni. Kufuneka izicelo zokugonywa kwamahashe zenziwe ngokugcwalisa nokutyikitya ifomu efumaneka ku www.myhorse.org.za. Kufuneka ukugonywa kwamahashe kwenziwe phakathi ngomhla woku 1 kweyeSilimela nowama 31 kweyeDwarha enyakeni ze kube kusetyenziswe iyeza lokugonya nelisebhalisiweyo. Elona yeza lokugonya elibhalisiweyo nekukuphela kwalo kuMzantsi Afrika, liyeza eliveliswe yinkampani engu Onderstepoort Biological Products (OBP), nelitofwa kube kabini, kwisithuba seeveki ezintathu.



Last updated: March 2023



**7. Yeyiphi enye indlela yokukhusela ihashe lam?**
Amahashe angakhuselwa ekulunyweni ziimbuzane ngokuthi avalelwe ngorhatywa na kwasekuseni xa kanye iimbuzane zisaxakekile, rhoqo, ungawatshiza amahashe ngeyeza eligxotha izinambuzane nelenziwe ngomxube oyi DEET, nangokuwagcina amahashe omile nakwiindawo ezinemigxobhozo. Ungalicutha ibubu leembuzane ezisendaweni yakho ngokuthi ungabinamanzi amileyo. Xa ubona iimpawu zesifo i “African horse”, qhakamshelana noogqirha bakho bemfuyo ngokukhawuleza. Akukho lunyango lwaziwayo nolwenzelwe isifo i “African horse”, kodwa ngokuncediswa ngonyango, amanye amahashe angachacha.

## IINCKUKACHA ZOQHAKAMSHELWANO

| TITLE | CONTACT NO. | E-MAIL | ADDRESS |
|---|---|---|---|
| State Veterinarian: George | 044-803-3771/0 | SVGeorge@ westerncape.gov.za | 4 Varing Avenue, George |
| State Veterinarian: Boland | 021-808-5028/ 5253 | SVBoland@ westerncape.gov.za | Western Cape Department of Agriculture building, Muldersvlei road, Elsenburg |
| State Veterinarian: Swellendam | 021-808-5059/ 028-425-4850 | DOA.svswellendam@ westerncape.gov.za | 67 Voortrekker St, Swellendam |
| State Veterinarian: Beaufort West | 023-414-9220/1 | DOA.svbeaufortwest@ westerncape.gov.za | Blyth St, Beaufort West |
| State Veterinarian: Vredendal | 027-201-3514/-0 | DOA.svvredendal@ westerncape.gov.za | Cnr Matzikama and Noord St. Vredendal |
| State Veterinarian: Malmesbury | 022-433-8915/0 | DOA.svmalmesbury@ westerncape.gov.za | Cnr Spoorweg and Munisipale St, Malmesbury |
| State Veterinarian: Oudtshoorn | 044-203-9443/5 | DOA.svoudtshoorn@ westerncape.gov.za | 43 Van Der Riet St, Oudtshoorn |
| State Veterinarian: Worcester | 021-808-5052 | DOA.svworcester@ westerncape.gov.za | 30 Van Arckel St, Worcester |



**Last updated: March 2023**